

IMVAKALISO YE CFA INSTITUTE NGAMALUNGELO ABATYALIMALI

i "Mvakaliso Yamalungelo Abatyalimali" yaqulunqwa yi CFA Institute ukunika ingcebiso kubathengi bemveliso zenkonzo zezimali ngenkqubo abanelungelo lokuyilindela kubaniki benkonzo zezimali. La malungelo abonisa iziseko zemigomo yokuziphatha engundoqo ukufikelela ekukholelweni nokuthembeka kwabo nabuphi na ubudlelwane bobungcaphephe. Olu ludwe lunxulumene nemveliso zezimali nenkonzo ezifana nophando lolawulo lotyalo mali, uphando nengcebiso, ukubhankisha kwakho buqu, i-inshorensi nezezindlu, Nokuba, usungula isicwangciso sokutyala imali, ukusebenza ne broker, ukuvula i-akhawunti yebhanki okanye ukuthenga ikhaya, le Mvakaliso Yamalungelo Abatyalimali sisixhobo sokunceda wena ufumane ulwazi olufunayo kananjalo nenkonzo oyilindeleyo nekufaneleyo. **Ukugxininisa ukuba iingcaphephe zezezimali zibambelele kula malungelo kukunceda ukuba umthembe umntu kunye/okanye inkampani osebenzisana nayo, yaye ngolohlobo nibumbene nibuyisele intembeko, intlonipho nokunyaniseka kwezezimali.**

XA NDISEBENZISA IINGCAPHEPHE ZEZEZIMALI NEMIBUTHO KWINKONZO ZABO, NDINELUNGELO LOKUBA...

1. Ndinyaniseke, ndibenobuchule, yaye ndiziphathe kakuhle ngokuhambelana nomthetho.
2. Ingcebiso ezimeleyo nengenamkhethe kunye noncedo olunxulumene nophengululo olunolwazi, izigwebo ezingqalileyo, nemizamo yokuzinikela.
3. Umdla wam wezezimali mawube ngaphezulu kunalowo wengcaphephe yezezimali nombutho.
4. Ukhuphathwa ngokungenamkhethe nangentlonipho kwezinye iiklayenti.
5. Ukudandululwa kwayo nayiphi na imeko yokungquba komdla ukunika ngemveliso okanye inkonzo eza kum.
6. Ukuqonda isimo sam, ukuze nayiphi na ingcebiso endiyinikwayo ihambelane yaye isekelwe kwinjongo zam zezimali nemiqobo.
7. Unxibelelwano olucacileyo, oluchanekileyo, oluzeleyo, nolwangexesha olusebenzisa ulwimi oluvakalayo yaye luza ngendlela egqithisa umyalezo ngokucacileyo.
8. Ingcaciso ngazo zonke iindleko nemali ozakuzihlawula, kananjalo nengcacisa ebonisa ukuba ezi ndleko azinamkhethe yaye zamkelekile.
9. Ukugcinwa kwengcaciso ngam iyimfihlo.
10. Iingxelo ezifanelekileyo nezizeleyo ezixhasa umsebenzi endiwenzelweyo.

Visit cfainstitute.org/futurefinance